# "Ub'inqo"! We-Afrika!!

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto.)

Ngawutsho! Ngwevu yakade enguwe
Ngawutsho! Sidela sobuye sikolwe
Ngawutsho! Uzeke kwakona indaba
Ngawutsho! Zemihla yobawo nemvaba.

Kwakunjanina ngeloxa ngawutsho
Kupekwa ngembiza zodongwe kesive
Kwakunjanina ngeloxa ngawutsho
Kub'inqwi zikumba zenkomo masive.—

Namana nilanda nisiti ngawutsho
Bonisani otakatileyo kesive—
Xa nanibona abelungu ngawutsho
Becande ilwandle ngelwandle masive —

Mazitete! Nembongi mhla kwaw' inye-[mbezi
Zo "Mb'inqo" we Afrika sincede [Mhlekazi
Owawupilisa umpefumlo wo Hlanga
Lwezizwe Zintsundu ngapantsi kwe [Langa.

Ezinye Izizwe zih'el' ekucaceni
Owetu Umzi uhlel' ebumnyameni
Wawa ngenyani "Umb'inqo we Afrika
Safuna ukuncama tina mzi ka Ngqika.

Wawa! Ngenyani "Umb'inqo" we [Afrika
Kwane Bhaibhile isongwa isonqeluka
Apo zikon' inkosi zase mlungwini
Ezi ne bhaibhile ezingo mb'axa mbini.

Mazitete! Nembongi mhla kwaw' inye-[mbezi
Zo "Mb'inqo" we Afrika sincede [Mhlekazi
Ungumenzi wemfama Uzenza ngabom
Ngowungaqalanga ngati ukwenza nga-[bom.

Ulonq'ina izingela imipefumlo
Uyizingela ngabelung' asipefumli
Ulohlanganis' imihlamb' eyalanayo
Hlanganisa ke le yetu yalanayo.

Lateta Ixilongo lisibizile
Nanko! "Umbinqo" we Afrika uwile
Owawuyingubo esiyambata tina
Ulo Ngubo Nkulu siyambata tina.

Yabinza nenkwenkwezi isixelela
Ningakonzi izitixo notshabalala
Yayingu mkokeli ikokela tina
Ulo Mkokeli Usikokela tina.

Unguwena Wena Uhlel' Enyangweni
Kupani otixo basebuginweni
Ulo Tixo Mkulu ngose Zulwini
Odlula omb'aymb'ayi basesilungwini.

Unguwena Wena "Kaka" Lenyaniso
Sakupetela Ngawe "Kaka" Lenyaniso
Unguwena Wena Nqaba Yenyaniso
Kwi Nqaba Yako songaba ngenyaniso.

Lemali inkulu na sayibizana?
Lomzi wabo na? Sawubizana?
Uwile! Ngabo "Umb'inqo" waba-[mnyama
Taru! "X'aka" Elimnyama kwaba-[mnyama.

Camagu!!